



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUWARI/MATSHI 2016

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha asi-8.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiwa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama eliska kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/Ukunika ubungqina/Ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.
6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu iingongoma ezimbini-kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.
7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

1.1 ISICATSHULWA A

- 1.1.1 Intlakanipho.√ (1)
- 1.1.2 Ukuxengaxenga kwesimilo kukuba siya sisonakala isimilo.√ (1)
- 1.1.3 D√/D Kukudlala nokuqhula√/Kukudlala nokuqhula.√ (1)
- 1.1.4 Wayefuna indlela yokuphuma kweso sikolo wayecinga ukuba singumdlalo.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 1.1.5 Lunyanisile, kuba kuthiya luthwele iziqhamo ezihle, kwaye luzele abefundisi, iititshala, iitoliki, ababhalu, oogqirha namagqwetha. √√/ kuba kuthiya abalunyamezelayo uswazi abayi kudaniswa, banomvuzo ongathethekiyo. √√ (2)
- 1.1.6 Abalunyamezelayo banomvuzo ongathethekiyo√/abayi kudaniswa√ kanti abaluchasileyo banesiphelo esikukuzisola√/basebenza nzima. √ (2)
- 1.1.7 Efuthekile.√ (1)
- 1.1.8 Thatha le mali uyise kuMaMfene√/Uyise kuMaMfene imali ayinikiweyo.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 1.1.9 Inkqayi ingena ngeentlontlo.√ (1)
- 1.1.10 Wayebeka izizathu ezithi kuyana√/kuyabanda√/akaphilanga.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.11 Ityhefu.√ (1)
- 1.1.12 Wayesiya engozini engaboni ukuba yingozi√√/Wayesiya engxakini engaqondi ukuba yingxaki.√√ (2)
- 1.1.13 ... 'kanye xa ayinkwenkwe eqala ukuthi rhwe ngodevu, ...' √ (1)
- 1.1.14 (a) B√/UDingezweni.√
(b) C√/UMaMfene.√ (2)
- 1.1.15 Yabangelwa kukuba ale uNyubatyha ukuba uYeze noSelina bayokufunda eMvethoba.√√ (2)
- 1.1.16 NguMaMfene√/Nomalanga.√ (1)
- 1.1.17 Akuzange kube ntsuku zatywala ebuyile kwamkhulela kwamosela ukufa.√√ (2)

1.2 ISICATSHULWA B

- 1.2.1 Uyalila✓/uphuma iinyembezi✓/uthwele izandla entloko ✓
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.2.2 Uhleli esitulweni✓/usika amaphepha ezsulu.✓ (2)
- 1.2.3 Umama akakuhoyanga ukukhala kwalo mntwana kuba uxakekile unqunqa amaphepha✓✓/wonwabile akanaxesha lalo mntwana ulilayo.✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

AMANQAKU ECANDELO A: **30**

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha ushwankathelo

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
 - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
 - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
 - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
 - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
 - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-70 inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
 - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

	IINGONGOMA EKUCATSHULWE KUZO		USHWANKATHETO
1.	'Bakho abathi bazi yonke into eyenziwa apho bangazange babeke nemicondo yabo khona. Wumbi womva esazi konke okwenziwa ecaweni okanye zonke iindlela ngeendlela zalapho enkonzweni, kodwa akazange aye apho okanye engazange akholelwe nakulo Sombawo ubhedeshwayo.'	1.	Bakhona abacinga bazi zonke izinto kwiindawo zonke bengazange baye kuzo.
2.	'Bakho abacinga ukuba bazi imizi yabantu ade wumbi azi nendlela le kuphilwa ngayo, maxa wambi azi yonke into ephathelele kweso sibini sitshatileyo nentsapho yaso, noxa engazange abe ngowenani nje apho.'	3.	Bambi abazi impilo nentlalo yemizi abangayihlaliyo.
4.	'Bakho abazi ngamasiko athile bengazange noxa bengazange bawenza bade bacinge ukuba bayazi, noxa bengazi. Ingxaki omnye umve elihlasela isiko lomnye, ebonisa ukulicekisa nokunyanyeka kwalo, kodwa uyise wayelenzelwe kuqala.'	4.	Abanye bazenza abazi ngamasiko bade bawagxeke nangona oyise bebewenzile.
5.	'Bakho abazi ngeentsana zabantu ade wumbi ange ungene ngaphakathi kwingqiqo yomnye, wagqobhozela wayibona ubume bayo, ambone nobuthathaka balowo, ade abone nokuba akasoze abe nto ebomini bakhe, noxa angakhange athathe nxaxheba nje ekudalweni kwakhe.'	5.	Bambi bazi kakhlulu ngabanye abantu bade bazi neengcinga zabo.
6.	'Bakho ke nabo bathi bafundile abanakuxelwa nto bani, batsho bezigasa ngemfundo abanayo bengaondi phofu ukuba abazi. Kuye kuthi ngomhla osisidenge bakhwankqiswe abantu zizinto ezenziwa sisifundiswa eso kuba kaloku besizibizele ngokwaso ukupopolwa onke amanyathelo aso.'	6.	Kukho abaziqhayisa ngemfundo abanayo zibe izimbo zabo zibonisa ukungafundi.
7.	'Ungabona nabantwana bebaleka isikolo, benyanzelwa ngemfundo ngetshova ngabazali neetitshala, behetha ukubhaca bashiye amakhaya abo, kodwa bakufika ezweni abafuni kubonwa njengezinto ezingazi nto.'	7.	Bakho abantwana babaleka isikolo benikwa imfundo ngenkani ngabazali neetitshala, bancame namakhaya abo bekufuna ukubonwa ngathi bayazi.
8.	'Abanye bade bathenge izatifikethi, bambi bakhetha ukuziba ze bazifote koomashini zikhuphe imifanekiso yazo, le bathi bacime amagama abaniniyo kuyo, ze babhale awabo.'	8.	Abanye bazama izatifikethi ngondlela-mnyama beziqhatha.

[220 amagama]

[70 amagama]

QAPHELA: Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
 - Impendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikhoso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa uvavanyo lujojiswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye ziisetenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

UMBUZO 3

- | | | |
|-----|--|-----|
| 3.1 | Isepha iDove.√ | (1) |
| 3.2 | B√/B Kukuqhatha abathengi√/Kukuqhatha abathengi.√ | (1) |
| 3.3 | Molo Dove, salani maqhakuva!!!√ | (1) |
| 3.4 | Ithambisa ulusu ngoku ahlambayo√/Ikhuclula amaqhakuva aphele nya!√ | (2) |
| 3.5 | Kulandeelaniswe imibuzo√/kwelekwe imibuzo, ngenjongo yokukhumbuza abantu ngeengxaki zabo batsho bazibone bebandakanyeka.√√ | (2) |
| 3.6 | Sibonisa ukuba isenzo esenziwayo siyenzisiswa√ | (1) |
| 3.7 | Kukutsala umdla wabathengi. √√ | (2) |
- [10]

UMBUZO 4

- | | | |
|-----|---|-----|
| 4.1 | NguThemba Siwela. √ | (1) |
| 4.2 | Unyaka omtsha.√ | (1) |
| 4.3 | Ukubonisa ukuba into le kuthethwa ngayo iyothusa okanye iyamangalisa. √ | (1) |
| 4.4 | C√/C wothukile√/wothukile.√ | (1) |
| 4.5 | Inkangeleko yobuso bukaChiskop iveza uvakalelo lomsindo omkhulu.√√ | (2) |

- 4.6 Akulunganga kuba usebenzisa ulwimi oludlelelelayo ngokweziphene zomzimba.√√ (2)
- 4.7 Uthe, 'Wena uza kubuyela emyezweni wezilwanyana.' √√ (2)
[10]

UMBUZO 5

- 5.1 5.1.1 kwelo zwe.√ yaseDonderkop√ (2)
- 5.1.2 Sikwixesha eladlulayo.√ (1)
- 5.1.3 Sisetyenziswe njengesifanekisozwi esilandela uthi.√√ (2)
- 5.1.4 Sisihlomelo sobunjani.√ (1)
- 5.1.5 Uthe akutshayisa ipali esasuka ngemoto woyika√√/Uthe akutshayisa wonke umntu icuba lakhe laphela.√√ (2)
- 5.1.6 Eziofisini, √ kwisiNgesi.√ (2)
- 5.1.7 Ngethamsanqa.√ (1)
- 5.1.8 Umfo kaMhlambeli wayesebenza nzima emgodini kuba wayengafundanga.√ (1)
- 5.1.9 Wayenqwenela ukuba ngomnye wabo koko akazang' angene kumnyango wesikolo.√ (1)
- 5.1.10 Siyinjongosenzi.√ (1)
- 5.2 5.2.1 Utata – iceba.√
uthambisa – isivumelanisi sentloko.√
umntwana – isisekelo.√ (3)
- 5.2.2 A√/A Umntwana utya ubhontsi√/Umntwana utya ubhontsi.√ (1)
- 5.2.3 ngokukhawuleza √/kwangoko.√ (1)
- 5.2.4 Imiphunga.√ (1)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: **40**
AMANQAKU EWONKE: **80**